



Sion UNYANGO LOHLOLISISO OLUNGENAMKHETHE LWE-COVID-19 (I-RECOVERY)

Isihloko Esifutshane Sophononongo: Ulingo lwe-RECOVERY

Imbekiselo ye-REC: 20/EE/01010

Ngubani onoxanduva lwedatha yakho?

Umlawuli wedatha wolu lingo ngumbutho Oxhasayo, iYunivesithi yase-Oxford.

Idatha Yobuqu esiyiqokelela ngawe

Abasebenzi kwi-NHS baza kuqokelela ulwazi kuwe kunye neengxelo zonyango zolu phando. IOfisi Ekumbindi Yolungelelwaniso ekwiSebe lase-Nuffield leMpilo Yabemi, iYunivesithi yase-Oxford iza kusebenzisa igama lakho kunye nenombolo ye-NHS (okanye inombolo ye-CHI e-Scotland) ukuze iqinisekise ukuba inkcazelo efanelekileyo emalunga nophononongo iyabhalwa kunyamekelo lwakho, yaye yongamele umgangatho wophononongo. Ukongezelela koku, siza kufuna inkcazelo kumaZiko eMpilo okanye kumaqumrhu e-NHS njenge-NHS Digital malunga nokhathalelo olunikelwayo ebudeni bokulaliswa kwakho ngenxa ye-Covid-19 (umz. ebude bokulaliswa, ukungena nokuphuma komoya) imeko yakho yempilo yexesha elide (umz. izzathu zako nakuphi na ukulaliswa esibhedlele kwikamva). Ukuze kwenziwe oku, siza kunikela ngeenkukacha zakho kuMbhalisi weMpilo okanye kumaqumrhu e-NHS ukuze kulinkwe idatha kodwa oku kuza kwenziwa ngendlela ekhuselekileyo kunye neyimfihlo. Ulwazi olufunyenweyo kuBhaliso lweMpilo okanye kumaqumrhu e-NHS luza kuthunyelwa kwidathabheyisi egcinwe ngokukhuselekileyo yiYunivesithi yase-Oxford yaye isetyenziswe kuphela kwiinjongo zophando.

Abantu ngabanye kuMbutho Oxhasayo kunye nemibutho elawulayo banokujonga iingxelo zakho zonyango kunye nophando ukuze ahlole ukuchaneka kwedatha yophando. Abantu kuphela kuMxhasi abaza kufikelela kulwazi olukuchazayo ngabantu ababandakanyekileyo kwiinkqubo zokwenza ulandelelelo kuphononongo okanye inkqubo yokuphicotha idatha eqokelelweyo. Abantu abaza kuhlola ulwazi abazukwazi ukukubona yaye abayi kukwazi ukufumana igama lakho, idilesi, inombolo ye-NHS okanye iinkukacha zakho zoqhagamshelwano.

Indlela esiyisebenzisa ngayo idatha yakho yobuqu

Njengombutho oxhaswa nguwonke wonke, kumele siqiniseke ukuba kungumdlawonke wonke xa sisebenzisa ulwazi lobuqu oluchazayo kubantu abaye bavuma ukuthatha inxaxheba kuphando. Oku kunikela isiseko somthetho sokusebenzisa kwethu idatha yakho; i-GDPR Article 6(1)(e) kunye Article 9(2) (j). Oku kuthetha ukuba xa uvuma ukuthatha inxaxheba kuphando lophononongo, siza kusebenzisa idatha yakho (kuquka idatha yakho yempilo) ngeendlela ezidingekayo ukuze kwenziwe yaye kuhlolwe uphando lophononongo. IMpilo kunye nophando lonyamekelo lufanele lube kumdlawonke wonke, okuthetha ukuba kufanele sibonise ukuba uphando lwethu lujolise kumdlawoluntu ngokupheleleyo. Ukuze siqiniseke ukuba siphumeza uphando ngemilinganiselo ephakamileyo sithobela uMthetho Wolingo Lonyango Eliphandwayo 536/2014 kunye noMgaqo-nkqubo Wokusebenza wase-UK weMpilo kunye Nophando Lonyamekelo lweNtlalo.



Sifuna ukukugcina unolwazi ngemiphumo yolingonye nenkqubela. Ukwenza oku siza kukuthumelela iileta ngeposi. Ukuba uhlala eNgilani okanye e-Wales, ezi leta uza kuzithunyelwa yi-NHS Digital. Ukuze ubhalelwe, i-NHS Digital iza kunikela igama lakho kunye nedilesi kwi-APS Group engumnikeli wonxibelelwano olukhuselekileyo ese-UK (isetyenziswa yi-NHS kwezinye izinto ezithunyelwayo). Ukuba uhlala e-Scotland ezi leta ziza kuthunyelwa liZiko loLwazi lweMpilo (HIC) kwiYunivesiti yase-Dundee endaweni yethu. Ukuze ubhalelwe, i-HIC iza kunikela igama lakho kunye nedilesi kwi-DocMail engumnikeli wonxibelelwano olukhuselekileyo ese-UK (isetyenziswa yi-NHS kwezinye izinto ezithunyelwayo). Ukuba uhlala e-Northern Ireland, ezi leta ziza kuthunyelwa sisibhedlele sakho. Ukuba ungathanda ukufumana unxibelelwano kuthi nge-imeyili kunoko, unako [‘ukuvuma’ kunxibelelwano lwe-imeyili ngokugcwalisa le fomu](#). Unokuphuma kolu nxibelelwano nangaliphi na ixesha ngeleta, ifowuni okanye nge-imeyili (iinkcukacha zingezantsi).

Siyigcina ixesha elingakanani idatha yakho

UMxhasi uza kugcina ngqo izinto zakho ezikuchazayo (umz igama) kangangonyaka omnye ngemva kokuba uphononongo luggityiwe, ngaphandle kokuba ungaphantsi kwe-18 kule meko kufuneka siyigcine de ube nama-21 ngenxa yemida yomthetho. Enye idatha yakho Yobuqu iza kugcinwa ubuncinane iminyaka engama-25 ngemva kokuphela kophononongo, ngokuvumelana nomthetho oyeleleneyo. Ekubeni uphononongo luza kuqhubeka ixesha elide lolandelelelo iminyaka eli-10 ngemva kokuqala kwenqanaba lonyango ukuze kujongwe imiphumo yexesha elide evavanywayo, izinto ezikuchaza ngqo ziza kugcinwa ubuncinane de kube ngo-2031 yaye enye idatha yakho Yobuqu iza kugcinwa ubuncinane de kube ngo-2055. Ekupheleni kweli xesha lokugcina, idatha yakho Yobuqu iza kucinywa okanye isetyenziswe ngokungaziwa (ayiyi kwaziwa).

Kusenokufuneka sigcine idatha yakho yobuqu ixesha elide ukuba kuyimfuneko ekuphumezeni iinjongo zethu, kuquka naziphi na izinto eziyelelene kumthetho, kwi-akhawunti, okanye iimfuneko zokuxela. Kwakhona sisenokugcina idatha yakho yobuqu ukuze siphande ngakumbi apho kukho khona iimfuneko zomthetho. Oku kuza kwenziwa ngokuvumelana nemithetho yokukhusela idatha.

Ulwazi oluqhelekileyo malunga nokuba zigcinwa ixesha elingakanani intlobo ezahlukahlukeneyo zolwazi ezigcinwa yiYunivesiti zinokufunyanwa kuMgaqo-nkqubo weYunivesiti kuLawulo loPhando lweDatha kunye neengxelo, ezifumaneka ku <http://researchdata.ox.ac.uk/university-of-oxford-policy-on-the-management-of-data-supporting-research-outputs/>.

Indlela esiyikhusela ngayo idatha yakho

Sikhusela idatha yakho Yobuqu nxamnye nokufikelela okungagunyaziswanga, ukusetyenziswa ngokungekho semthethweni, ukulahleka ngempazamo, kurhwaphilizo okanye ekutshatyalalisweni.

Sisebenzisa imilinganiselo yobugcisa njengekhawudi ekhethekileyo kunye nokhuseleko lwephasiwedi ukuze kukhuselwe idatha yakho yaye neenkqubo ezigcinwe kuzo. Kwakhona sisebenzisa imilinganiselo esebenzayo ukuze sikhusele idatha, ngokomzekelo ngokubeka umda kwini labantu abafikelela kwidathabheyisi apho idatha yakho igcinwe khona kunye nokusetyenziswa kweenombolo ezikhethekileyo zembekiselo zokuchaza abathathi-nxaxheba kunamagama ukuba kunokwenzeka.



Sigcina le milinganiselo yokhuseleko phantsi kohlolisiso yaye sibhekisela kuMgaqo-nkqubo Wokhuseleko weYunivesiti ukuze sigcine sisexesheni noqheliselo oluhle lwangoku.

Ukwabelana ngedatha yakho

Idatha yakho Yobuqu eqokelelwayo ize ilawulwe nguMxhasi iza kusetyenziswa kuphela ukusivumela ukuze senze ulandelelelo lolu lingo, kuquka nokunxibelelana noMbhali weMpilo okanye amaqumrhu e-NHS njenge-NHS Digital. Idatha ongachazekiyo kuyo (ulwazi 'olungaziwayo') kunokwabelwana ngayo namanye amaqela ophando awenza uphando olufanayo (kuquka iinkampani zentengiselwano kunye nabaphandi abangaphandle kwe-EU). Abaphandi baza kufaka isicelo sokufikelela kwidatha kulingo lwe-RECOVERY [Kubajongi beDatha Bezifo Ezosulelayo \(IDDO\)](#). Abaphandi abafaka isicelo sokusebenzisa idatha bamele babonise ukuba uphando lwabo luza kuzuzisa impilo kawonke wonke yaye luza kunikelwa kuphela nedatha efunekayo ukuphendula umbuzo wabo ongqalileyo. Unokubona ukuba ngawaphi amaqela aphantayo aye afaka izicelo eziyimpumelelo [kwiwebhusayithi ye-IDDO](#).

Ulwazi 'olungaziwayo' aluyi kukuchaza yaye aluyi kudityaniswa nenye inkcazelo ngendlela enokukuchaza ngayo. Ulwazi luza kusetyenziswa kuphela ngenjongo yempilo kunye nophando lokhathalelo, yaye alunakusetyenziswa ukuqhagamshelana nawe okanye luchaphazele ukhathalelo lwakho. Aluyi kusetyenziswa ukwenza izigqibo malunga neenkonzo zekamva ezifumaneka kuwe, njenge-inshorensi.

Amalungelo akho

Ngaphantsi koMthetho Wokukhusela iDatha Jikelele (GDPR), oye wasebenza nge-25 kuCanzibe 2018, una lamalungelo alandelayo ngokubhekisele kwinkcazelo esiyigcinayo ngawe ('idatha yobuqu' yakho):

- **Ilungelo lokucela ukufikelela kwidatha yakho (ngokuqhelekileyo eyaziwa ngokuba "sisicelo sokufikelela somthathi-nxaxheba ").** Oku kwenza ufumane ikopi yedatha yakho yaye ujonge ukuba siyisebenzisa ngokusemthethweni.
- **Ilungelo lokucela ukulungiswa kwedatha yakho.** Oku kukwenza ucele ukuba silungise nakuphi na ukungagqitywa okanye ukungachani kolwazi esilugcine ngawe.
- **Ilungelo lokucela ukucinywa kwedatha yakho.** Oku kukwenza usicele ukuba sicime okanye sisuse idatha yakho kwiimeko ezithile ngokomzekelo, ukuba ucingela ukuba asikho isizathu esihle ngathi sokuqhubeka siyisebenzisa. Kwakhona ukwanelungelo lokusicela ukuba sicime okanye sisuse idatha yakho apho uye wasebenzisa khona ilungelo lakho ukuze walele ukusetyenziswa kwayo (jonga ngezantsi).
- **Ilungelo lokwala ukusetyenziswa kwedatha yakho,**apho siyisebenzisa khona ukuze senze imisebenzi yethu kawonke wonke okanye ngomdla owamkelekileyo (okanye umdla owamkelekileyo weqela lesithathu) yaye kukho okuthile malunga nemeko yakho ngokungqalileyo efuna ukuba walele ukusetyenziswa ngenxa yoko. Kwakhona unelungelo lokwala apho sisebenzisa khona idatha yakho ngeenjongo ezingqalileyo zentengiso.
- **Ilungelo lokucela ukuba ukusetyenziswa kwedatha yakho kuthintelwe.** Oku kukwenza ucele ukuba siqumamise ukusetyenziswa kwedatha yakho, ngokomzekelo, ukuba ufuna simisele ukuchaneka kwayo okanye isizathu sokuyisebenzisa.



- **Ilungelo lokufikelela, ukutshintsha okanye ukufudusa idatha yakho.**

Ngokuxhomekeka kwiimeko, sinokuba nesihlahla sokungathobeli isicelo sakho, ngokomzekelo, apho sicingela ukuba ukucima ulwazi lwakho kuza kwenzakalisa uphando okanye apho kufuneka sisebenzise idatha yakho ngokomsebenzi womdla kawonke wonke.

Ukuba unqwenela ukusebenzisa nawaphi na kula malungelo, nceda uqhagamshelane nolinga apha recoverytrial@ndph.ox.ac.uk.

Ukuba uyarhoxa kuphononongo, siza kugcina ulwazi ngawe esisele silufumene. Ukukhusela amalungelo wakho, ukuba kunokwenzeka siza kusebenzisa kancinane ulwazi lobuqu olukuchazayo. Ngolwazi olungakumbi, jonga: <https://compliance.admin.ox.ac.uk/individual-rights>

Izikhhalazo

Ukuba unqwenela ukuphakamisa isikhhalazo ngendlela esiye sayiphatha ngayo idatha yakho yobuqu, unokuqhagamshelana neGosa Lokukhusela idatha lethu, data.protection@admin.ox.ac.uk, eliza kuphanda oko. Ukuba awanelisekanga yimpendulo yethu okanye ukholelwa ukuba ukusetyenziswa kwedatha yakho yobuqu ngendlela engekho semthethweni unokukhalaza kwiOfisi yeKhomishini yeNkcazelo (ICO) ngokutyelela <https://ico.org.uk/make-a-complaint/> okanye ufowunela inombolo yabo yoncedo apha 0303 123 1113.

Qhagamshelana nathi

Ukuba ungathanda ukusiqhagamshela ngqo ngenkcazelo engakumbi ngendlela esiyiqoshelisa yaye esiyikhusela ngayo idatha eqokelelwa uphando, nceda uimeyile: recoverytrial@ndph.ox.ac.uk. Ukuba uyathanda unokufowunela iqela lophononongo ku-0800 138 5451 okanye ubhalele apha: RECOVERY Central Coordinating Office, Richard Doll Building, Old Road Campus, Roosevelt Drive, Oxford OX3 7LF